



basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

IBANGA 12

ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA (HL)

IPHEPHA LOKUQALA (P1)

NOVEMBA 2010

AMANQAKU: 70

IXESHA: 2 iiyure

Olu viwo lunamaphepha ali-13.

IMIYALELO NENGCACISO

1. Eli phepha lemibuzo LINAMACANDELO AMATHATHU:

ICANDELO A:	Uvavanyo lokuqonda	(30)
ICANDELO B:	Isishwankathelo	(10)
ICANDELO C:	Ulwimi	(30)
2. Funda YONKE imiyalelo ngocoselelo.
3. Phendula YONKE imibuzo.
4. Qala icandelo NGALINYE kwiphepha ELITSHA.
5. Krwela umgca ekupheleni kwecandelo ngalinye.
6. Nombola impendulo nganye kanye ngokwendlela enonjolwe ngayo kwiphepha lemibuzo.
7. Shiya umgca emva kwempendulo nganye.
8. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.
9. Qwalasela ngokukodwa upelo nolwakhiwo lwezivakalisi.

ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA**UMBUZO 1****ISICATSHULWA A**

1.1 Funda esi sicutshulwa uze uphendule imibuzo elandelayo.

UNGAQALE UTSHO YIHLO

- 1 Ukuvuka kwendalo emva kweenkxwaleko zobusika kufane nokuqaqamba kwelanga emveni kokuba likhe lathiwa sithe yinkabankaba yelifu elimnyama lesichotho. Loo mathafa arhangqe loo ngxikela yesinala yaseBlythswood kuloo mazwana aphešheya kweNciba, abekholise ngokumbatsha, ngoku ebethiwe gqume luhlaza oluvuyisa umphefumlo noluxolisa intliziyo. Ubusithi wakuphosa amehlo kuloo mithi yemi-okhi nemipayina **ezimase** loo mzi, ufike inxibe ingubo eqaqambileyo yondileko kuba kaloku amagqabi ebematsha, emahle, eluhlaza yaka. Iliso belithanda ukunamathela ngakumbi kwimingcunube ebihlise iintlambo ezinomtsalane eziphahle uBhlayi lo. Kaloku asimithi le ukuzingca ngamasebe ayo awunduzeliswa yimpepho eyasoloko iphephezela kuhle phantsi kwale mithi.
- 2 Ezitiyeni ebeziphahle iindledlana eziphinyela lo mzi, de kugqithise kweyabafundisi-ntsapho, kube kuhombise oonopinkana noonobomvana beentyantyambo ebezithe ukuqaqamba kwazo kwasisihombiso esigqithileyo nesihlala sisihendo kulowo untliziyo ihlala ihendwa bubuhle. Ububulo lweenyosi ebezihlanguka kwezi ntyantyambo lube lutsho ngengoma ezolileyo nenandiphekayo. Kwayala yakwabani zakudibana nontyilontyilo womlonji, umlozi kaphezu-komkhono, nokukrasa kwesicukujeje sithelwe nqa yingqabe ngokuyiphazamisa emithini izizingelela. Bekungekho mathandabuzo okuba eli ibilixesha leNtlakohlaza kuba ukuhlaba kwemitha yelanga kwenze ukuba imizimba yabantu iswabuluke zitsho nezo dyasi bezisoloko zithiwe ngxi emizimbeni ngexesha lasebusika, zilityalwe, zikhunjulwe kuphela ngamaxesha eemvula. Asixesha eli ukuthandwa ... maye!
- 3 Kumntu onyuka ngendlela leyo esinga kuloo dolophana yaseNgqamakhwe, ngasekhohlo mayela naloo ntilana irhangqwe yiloo mingcunube, kube kulula ukuphazamiseka kweliso rhoqo emveni kokuba kuphume isikolo yonke imihla ngeempela-veki, kuba umlisela ubukholisa ukuzonwabisa ngemidlalo yombhoxo nebhola ekhatywayo. Ngalo mhla ke ibali liqala ngawo, kube kubilwe kulithonti liqela lombhoxo kulungiselelwa ukuya kudlalwa neClarkebury ngentsasa yoMgqibelo waloo veki. Abadlali aba babedlala ngeentliziyo ezihluphekileyo nezidakumbileyo noko kuba ithemba labo ebeliyincutshe kwi 'scrum half' belingekho. Amehlo ebesoloko egxexula kweli cala lingasezindlwini ngethemba lokuba liyeza. "Kakade uMpumelelo lo uphi? Angathini ukungabikho ngosuku lokugqibela ngomso sisiya kudlala nje?" livakele libuza elinye iqhajana ngokudinwa kukulinda. Phofu nomdlalo lo ubusele uqalile. "Into kaMpumelelo indixakile, Nkobe, ntanga, kuba akezi yonke imihla apha ebaleni ezazi kodwa ukuba udlala le ndawo ibaluleke olu hlobo," iphendule enye isekela.

- 4 "Kakade Mfundisi, uMpumelelo lo uza kuthiwani?" iphindile le dyongwana yabuza ngoku ibhekisa kutitshala uMafanazwe obengumqeqeshi odumileyo kwezi zombhoxo. UMnumzana Mafanazwe uwaphendule wenjenje: "UMpumelelo khanimlibale okwanamhlanje; akazi kuphumelela ukuza kudlala apha. Mhlawumbi nangomso akazi kuya eClarkebury."
- 5 "Hayi bo! Mfundisi ngekhe ilunge loo nto. Siya kudliwa ngalaa makhwenkwe. Akukho mntu uyidlala ngcono le ndawo kunoMpumelelo." "Ndiyayazi loo nto ... kodwa akazi kubakho. Siza kube sesifaka uSpuni lowa ambambe. Naye ukwangumdlali ohlakaniphileyo, anditsho?" Afana ayekelela amakhwenkwe kodwa enesikrokro kuba ke kambe ahle aqonda ngokubetha kolwimi olu lwale titshala yawo ukuba lo amfunayo akazi kumfumana ngeli xesha amfuna ngalo. Ngaphaya koko yayicace mhlophe into yokuba uMnumzana Mafanazwe uyamazi apho akhoyo uMpumelelo.
- 6 Eli tshawe lingundaba-mlonyeni kweli bali namhla, sisigantsontso somfana ekubonakala ngathi woba nezoso akukhula. Akamde kuya phi phofu engemfutshane. Ngumfo oligcisa ngeminwe nangeenyawo ukanti ubuchopho ubuphiwe. Le yinto kaNtsibande esinqe sayo siseLusikisiki kuKhamisa. Apha kwesi sikolo ebefunda kwibanga-11. Ibanga le-JC wayeliphumelele kwiSekondari yaseLamontville eThekwini. Iincwadi bezibonisa ukuba wayephumelele kudidi oluphambili. Asingetsho ukuba le nkqubo nale ngqondo yale nkwenkwe ibiseyicacile kweli sebe okwakaloku nje kuba bekungekaviwa kwaye ebengekaxhonyelwa mehlo eklasini kusini.
- 7 Xa ephakathi kwabanye, wayeyinkomo edla yodwa, kuba wayesoloko engumntu othuleyo engathathi nxaxheba kwiincoko neziqhulo zabanye abafundi. Ngeso sizathu, abafundi abaninzi babengamgqibi ukuba ungumntu oluhlobo luni na. Lo mntu wayesithi akuzimisela nokuba kusentwenini na, akrwele umda. Yiyo nale nto **oogxa** bakhe bakhalayo kukungabikho kwakhe namhla.

[Icatshulwe kwinoveli ethi *KUSA KUSIHLWA* ebhalwe nguKS Bongela, amaphepha 5 – 7 yaze yahlalwa]

Jonga kumhlathi 1

- 1.1.1 Nika igama lesikolo semfundo ephakamileyo afunda kuso uMpumelelo uze uxele nesithili esiphantsi kwaso. (2)
- 1.1.2 Caphula igama elinika intsingiselo yelifu elikhulu. (1)
- 1.1.3 Igama 'ngxikela' lisinika umfanekiso-ngqondweni wento engakanani? (1)
- 1.1.4 Nika intsingiselo ephuhliswa ligama '**ezimase**'. (2)

Jonga kumhlathi 2

- 1.1.5 Ngqamanisa ezi ntaka ZIKUKHOLAM A nezikhalo zazo EZIKUKHOLAM B. Bhala ngolu hlobo:

KHOLAM A	KHOLAM B
(a) Umlonji	A ukukrasa
(b) Uphezu-komkhono	B ukuntyiloza
(c) Isicukujeje	C umlozi

(3)

- 1.1.6 Imidlalo yombhoxo nebholo ekhatywayo ziphantsi kweliphi iSebe ngokwamaSebe kaRhulumente kuZwelonke? (1)

- 1.1.7 Kwenzeka ntoni kwimizimba yabantu ngexesha laseNtlakohlaza? (1)

Jonga kumhlathi 3

- 1.1.8 Xela igama lomthi owaziwa ngokuba namasebe ayekeyeke. (1)

- 1.1.9 Yintoni eyayibangela ukuba abadlali beqela lombhoxo lesinala badlale ngeentliziyo ezihluphekileyo nezidakumbileyo xa belungiselela ukuya kudlala eClarkebury? (1)

Jonga kumhlathi 4

- 1.1.10 Wayesenza msebenzi mni utitshala uMafanazwe kumdlalo wombhoxo? (1)

Jonga kumhlathi 5

- 1.1.11 Xa utitshala uMafanazwe esithi, 'Ndiyayazi loo nto ... kodwa akazi kubakho' ubonakalisa:
- A ukuba nosizi ngale nto athetha ngayo
 B ukuzithemba ngale nto athetha ngayo
 C ukungayikhathaleli le nto athetha ngayo (1)
- 1.1.12 Ngubani owafakwa kwindawo eyayiza kudlalwa nguNtsibande kwiqela lombhoxo eClarkebury? (1)
- 1.1.13 Caphula ibinzana eliphuhlisa ukuba uSpuni wayengumdlali okrelekrele njengoNtsibande. (1)

Jonga kumhlathi 6

- 1.1.14 Umntu ongundaba-mlonyeni ngumntu:
(Khetha impendulo echanekileyo kwezi uzinikiweyo)
- A onolwimi
B owaziwayo
C onomlomo omkhulu (1)
- 1.1.15 Caphula isivakalisi esixhasa le nkcazo:


UNtsibande wayengumfo onesithomo esiphakathi. (1)
- 1.1.16 UNtsibande wayengumfo:
(Khetha impendulo echanekileyo kwezi uzinikiweyo)
- A olikroti
B osisiyatha
C okrelekrele (1)
- 1.1.17 Waliphumelela njani uNtsibande ibanga le-JC? (1)

Jonga kumhlathi 7

- 1.1.18 Ingaba oku kungezantsi kuyiNYANI okanye bubuXOKI? Xhasa
impendulo yakho ngokucaphula kwisicatshulwa.
- UMpumelelo ngumntu obethi akuzimisela xa esenza into
kubonakale. (2)
- 1.1.19 Sisiphi isaci esichaza isimo sikaMpumelelo ngokuchanekileyo
kwezi zilandelayo:
- A Wayeyinkomo enotshobo
B Wayeyinkomo yenqoma
C Wayeyinkomo edla yodwa (1)
- 1.1.20 Nika isithetha-ntonye segama **oogxa**. (1)
- [25]**

1.2 ISICATSHULWA B: OKUBONWAYO

Qwalasela lo mfanekiso ungezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.



- 1.2.1 Uncumo lukaMandela lutyhila ntoni? (1)
- 1.2.2 linwele ezingwevu zikaMandela uzinxulumanisa nantoni? (1)
- 1.2.3 Ingaba umsesane okumnwe wesibini kwisandla sasekhohlo sikaMandela ubonisa ntoni? (1)
- 1.2.4 Khangela indlela ayibambe ngayo le ndebe uMandela. Ucinga ukuba yintoni isizathu sokuba ayibambe ngezandla zozibini? (2)
- [5]**

AMANQAKU ECANDELO A: 30

ICANDELO B: ISISHWANKATHELO**UMBUZO 2**

Funda esi sicutshulwa silandelayo, uze usishwankathele ngokweengongoma okanye ngokomhlathi. Landela le miyalelo xa ushwankathela:

- Chonga iingongoma eziphambili ezisi-7 uze uzicwangcise ngendlela ehambelanayo nethungelanayo. (7)
- Sebenzisa izivakalisi ezipheleleyo, ubhale ngawakho amazwi, ungawulahli umxholo.
- Qaphela indlela echanekileyo yokusetyenziswa kolwimi, iimpawu zobhalo nococeko. (3)
- Ubude bomthamo wesishwankathelo mabususele kumagama angama-60 ukuya kwangama-70.
- Kunyanzelekile ukuba ulibhale ngokuchanekileyo inani lamagama owasebenzisileyo ngezantsi kwesishwankathelo.

AMAXESHA NGAMANYE

Ibhinqa libila lisoma emsebenzini lo gama umphathi walo ezipholele e-ofisini. Liyagoduka lifike lipheke libe likhalelwa nangumntwana libuzwa nonobenani yindoda etsho ngesisu esikhulu eyazi ukusel'ibhiya, ukufund'amaphepha-ndaba nokubukel'iTV. Litshona elaloo mini imbombozela into engapheliyo kuba icinga ukuba ibhinqa liyayithanda loo nto. Lifumana ntoni ke ibhinqa emva kwayo yonke loo nkxamleko? Umvuzo ongephi kumqeshi walo nokuqhwyatywa ngempama ngumyeni ongenambulelo ngento elimenzele yona. Noko kwanele, mntakwethu! Ngoku lixesha lokuba amadoda avuke azenzele!

Lixesha lokuba amadoda ayeke ukuba ngamavila, ancedise emisebenzini yekhaya. Makalahle inkolelo anayo yokuba afanele kukwenzelwa. Kaloku ukhe uweve esithi, "Ndim indoda yalo mzi, wena nabantwana niza kwenza into endiyitshoyo." Loo ntetho ke yayithetha ukuba ibhinqa alinaxesha lokuba kuthiwe liyagula kuba kufuneka livuke kumpondo zankomo lipheke, litshayele ibala ukuze indoda ivuke isidlo sakusasa silungile, ihempe nebhulukhwe yayo zi-ayiniwe.

Ngaphezu kokwenza lo msebenzi, libeleke nomntwana emqolo. Xa lithe lagula ibhinqa, indoda iba lugcwabevu ngumsindo ikhabe kwanto ephambi kwayo kuba ukutya kwayo akulunganga ngexesha.

Loo ndoda ifanele ukuba ibulele izithixo zayo ngokuba ibhinqa ladalwa langumntu othanda uxolo. Loo nto asiyongxaki ebangelwe nguwe mntakwethu. Siphila kuluntu olunezo nkolelo yaye nomama wakho wayengakufundisi imisebenzi yasekhithini kuba uyinkwenkwe. Wayesithi ufanele ukungapheki, ungacoci yaye ungavasi kuba leyo yimisebenzi yoodade bakho.

Xa ubonwe ngutata wakho usenza imisebenzi yasekhithini wayeba lugcwabevu ngumsindo yaye nawe ube yintlekisa nakubahlobo bakho.

Ufika uzigwagwisa ngokuba abaqeshi bakho abanakusebenza ngaphandle kwakho nangokuba nguwe othwele inkampani, kodwa wakungena emzini wakho uyinto engathi ayinazandla. Oko kwakusenziwa ngoko, ngoku amaxesha ngamanye kwaye amabhinqa akasakuthandi ukuthwal'iqhiya nokunxiba iilokhwe ezinde ukuze athandwe ngabantu bakulomyeni. Kule mihla ahamba ngeemoto eziphambili yaye asezikhundleni eziphezulu kwiinkampani aphantela kuzo. Aphuma emsebenzini aye kujonga impahla yefashoni entsha. Lixesha lokuba ungalonqeni ikhitshi, upheke nawe uve nokuba iziciko zeembiza zitshisa kangakanani.

[Icatshulwe kwiMagazini *i-BONA* kaNovemba 2008, iphepha-26 yaza yahlelwa]

AMANQAKU ECANDELO B: 10

ICANDELO C: ULWIMI**UMBUZO 3**

Funda esi sicutshulwa, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

NGENXA YEENKANI

Ewe, uthe akuba ekhulile umfana kwacaca mhlophe ukuba ungxamele ukulicwanya entloko ixhego elinguyise. WayenguMayenzek'intandoyakhe wenene. Nanko ke namhlanje edlule nesele ngeenkani engenantanga ngobuzwi lakhe. Loo **nto** yonke yaqala mayana, athi akulilela into ayinikwe, ayithi jwii phaya alilele enye, nayo ayinikwe, athi ukutya kwakhe kuncinci kongezwe.

- 3.1 Chaza ukuba amagama akrwelelwe umgca ngaphantsi asetyenziselwe ukubonisa ntoni? (2)
- 3.2 Guqula isivakalisi esithi, 'WayenguMayenzek'intandoyakhe wenene' sibe kwimo elandulayo. (1)
- 3.3 Sizathu sini esibangela ukuba isibizo esibhalwe ngqindilili u'**nto**' sisetyenziswe ngaphandle kweceba? (1)
- 3.4 Siphuhlisa ntoni isimamva u-'ela' kwigama 'akulilela'? (1)
- 3.5 Sisetyenziswe njani isifanekisozwi u 'jwii' kwisicutshulwa? (1)
- 3.6 Sebenzisa igama 'ukutya' njengesenzi kwisivakalisi esikuhlobo lokukhankanya. (1)
- 3.7 U-'nye' kwigama u-enye usetyenziselwe ukuphuhlisa ntoni? (1)
- 3.8 Chonga ibinzana eliphuhlisa intsingiselo ephoxayo kwisicutshulwa. (1)

[9]**UMBUZO 4**

- 4.1 Khetha izikhuzo ezifanelekileyo ezikwizibiyeli uze uzalise ngazo kwizikhewu ezikwizivakalisi ezingezantsi. (Shu!, Heke!, Yho-o!)
- 4.1.1 ...! Ndiyifumene into ebendiyifuna kakade.
- 4.1.2 ...! Ingaba ndiya kuba ngumntu oyintoni na? (2)
- 4.2 Funda le ntetho ingasezantsi uze uyibhale kwakhona ngentetho ethe ngqo.
USiphiwo ubaxelele ukuba uvuye kakhulu ngokuphumelela ukhuphiswano.
Qala ngolu hlobo: USiphiwo uthe, '...' (½ x 2) (1)

- 4.3 'Kulungile ukufundela kwindawo ezolileyo nethe cwaka ukuze uphumelele kwizifundo zakho, kuba ukufunda akuyiyo into elula.'

Nika isichasi segama '**elula**' elisetyenziswe kwisivakalisi esingentla.

(1)
[4]

UMBUZO 5

- 5.1 Esi sibini sinokungevani kakuhle kwintetho yaso. Funda oku bakuthethayo uze unike intsingiselo ecacileyo yegama ngalinye elikrwelelweyo kwintetho yabo.

USIKO: Ndicela wethu mhlobo wam undithungele le lokhwe ngesi siziba noko indenzela iintloni.

ULIZO: Owu! Awunantloni! Uthi mna mandikuthungele, wena uye kuqubha kwisiziba saseNkontyo? Soze dad'ethu!

(2)

- 5.2 Nika igama elinye endaweni yebinzana elikrwelelweyo kwizivakalisi ezilandelayo.

5.2.1 Mamela mntwan'am! Ubokhe uyeke ukwenza into ngaphezu kwemfuneko, uza kwenzakala.

(1)

5.2.2 Ndinoloyiko lokuba uzibone sowuhamba ngesisu okwenyoka.

(1)

- 5.3 Kwisichazi-magama sakho kuluhlu oluqala ngo-b-kukho isiqu sesenzi u-**beka** esithetha ukushiya into endaweni ethile. Nika intsingiselo yesi sibini samagama akhiwe kwesi siqu:

5.3.1 umbeko

5.3.2 imbeko

(2)

- 5.4 Kwisivakalisi esingezantsi khetha igama elivele kutsha nje esiXhoseni kunye nelibolekiweyo uxele nentsingiselo yegama ngalinye.

Kanti sihleli nje thina sifunda kukho abantu abazithembise ngokufunana nentluva kuba bengafuni kusokola. Yho! Ndiya kuyicela ivuthiwe.

(2)

- 5.5 Dibanisa isibini sezivakalisi esingezantsi wenze isivakalisi esinye usebenzise isihlanganisi esikwizibiyeli.

Ziyalamba izinja zalo mzi. Izinja zalo mzi ziyakhonkotha. (nangona)

(2)

- 5.6 Funda esi sivakalisi uze ulungise isiphene esikrwelelweyo.

Yahluka nokusoloko undenzela ingxaki kulo mzi andiphangeleli wena.

(1)
[11]

UMBUZO 6

Qwalasela lo mfanekiso ungezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.



EYONA MAGAZINI ITHANDWAYO KWELI!

BONA

UCHOME
'Ndifun' ukuba
nguMadonna weli'

OKWE-XABISO
nge-R8,45
qha

INDLELA

- Yokulima ukutya
- Yokumelana nedigital TV
- Yokongela amatikiti ka-2010

Iparafini
Ityhefu
esekhitshini lakho

UMHLATHI OMTSHA
'Amadoda
makancedise ekhaya'
Joe Khumalo

IHLAZO!
Indlela eyafa ngayo
ibhola eSoweto

SINCOKOLE NO-

- Aya Mpama
- Hlubi Mboyi

Izinhanha zeBEE
Kutheni zingawaphi
amahlwempu imali?

NOVEMBER 2008
XHOSA R8,45 (VAT incl)
Other countries R7,41 (tax excl)

ZUZA AMABHASO E-R233 100

9 770302 921006

- 6.1 Yintoni injongo yokuba igama *BONA* libhalwe ngoonobumba ababaxekileyo ngobukhulu? (1)
- 6.2 Yintoni intsingiselo eziswa leli gama *BONA* kumthandi wemagazini? (1)
- 6.3 Umbhalo othi, 'OKWEXABISO nge-R8,45 qha' unika yiphi ingcinga ngexabiso le*BONA*? (1)

6.4 Inenekazi elikwiqweqwe le*BONA* ucinga ukuba liphila kweliphi ixesha kukho elangoku nelakudala? Zixhase. (2)

6.5 Nika igama lomntu okweli qweqwe le*BONA*.

Khetha kwaba balandelayo:

- A Madonna
- B Chomee
- C Hlubi

(1)
[6]

AMANQAKU ECANDELO C: 30
AMANQAKU EWONKE: 70